WoH 276
Ubugqwirha_Igqwirha lase Endor
Ezobomi: Ubugqwirha 2 - ukuthetha nabafileyo ngobugqi , ukunik'indlela , ukuxela izihlo

Uthotho: Ubugqwirha 2

Ezomphefumlo: Igqwirha lase Endor

Intloko: Unxulumano/ ukuba kunye
Intlokwana: Inkqubo yesizwe

Isiqulatho sezobomi: Necromancy - ukuthetha nabafileyo. Iindlela ezohlukeneyo zokukhangela inkokhelo nolwazi ngokuza kwenzeka kwixesha elizayo.
Isiqulatho sezomphefumlo: Ibali legqwirha lase Endor nelikaPawulose noSilas omabini acacisa ukuba uThixo uyasalela ukuba sithethe nabafileyo okanye abo ababanga ukuba namandla okuthetha nemiphefumlo yababhubhileyo (mediums)
Isalathiso: 1 Samuweli 28 & Izenzo 16

Ingongoma Sifundo: UThixo uyalwanelisa unxano lwethu lomphefumlo asibonelele ngobulumko, ingcebiso nenkokhelo esiyidingayo.

UMXHOLO

Thandokazi: Kuse Amanenekazi eThemba. Molo nenekazi, ndinguThandokazi.

Thembelihle: Mna ndinguThembelihle, molo mphulaphuli

Thandokazi: Siniphathele le nkqubo imizuzu engama30 ngexesha ukuze nikhuthazeke, sakhe ubuhlobo, nokunika ulwazi lokuphila kaluhle.

Thembelihle: Okuninzi esikuko nesikwenzayo kwenza ubomi ngcono nakwabo esibathandayo. Senza okusemandleni ukubonelela iintsapho zethu ngamakhaya acocekileyo, ikamva elihle ebantwaneni nokuba nobudlelane nonxulumano nabayeni, abahlobo nabamelwane.

Thandokazi: Ungahamba kangakanani ukuze ubone izinto ezilolu hlobo zisenzeka ebomini babantu obathandayo?

Thembelihle: Hlala nathi enkqubeni umamele xa sibalisa ngomnye umama owayefuna ukunceda intombi yakhe

Thandokazi: Wayengumama ozimisele ukwenza nantoni na ukunceda intombi leyo yakhe.

Thembelihle: Ma sibone ukuba kwenzeka ntoni

UMCULO

Thandokazi: ULumka wayeneengxaki ekhaya. Wathi xa besesikolweni abantwana, nomyeni esemsebenzini, waya kwivenkile ethengisa iincwadi. Wayefuna ukususa ingqondo yakhe kwindawo emenza agxile kwiingxaki ezimrangqileyo. Wayecinga ukuba xa enokufumana incwadi yeengcebiso ngezobomi angatsho adlamke emoyeni.

Waxelela umhlobo wakhe omtsha ngento emdlayo.Esemi njalo apho evenkileni , kweza kuye nenekazi lithile elibone iincwadi azikhethileyo , lanakana ukuba mhlawumbi uyasukuza ebomini bakhe. Eli nenekazi lalinobubele, uLumka wayelicacele waza wazityand'igila kulo.Wada walixelela nokuba

unesicinezelo(depression)kuba umama wakhe wayesandul'ukubhubha.YayinguLumka owayesonga umama wakhe lonke ixesha egula. Wayengakwazi ukubahoya kakuhle abantwana bakhe abathathu ngeli xesha. Babesebancinane kunjalo nje bemdinga. Wayebonakalisa ukukruquka nangumyeni wakhe lo wayengafuni kuyiqonda indawo akuyo uLumka. Wenza kangangoko ukugcina izinto esimeni esisiso endlwini yakhe xeshikweni ekhathalele unina ogulayo.

Ngoku umama uswelekile, utsho wafumanisa ukuba wayengaluhoyanga usapho lwakhe ngeendlela ezininzi. Wayefanele ukuba enze ntoni bethu? Wayengelo nenekazi elifezekileyo nje...kodwa wayenesazela. Nokuhamba kukamama wakhe emhlabeni kwakusebuhlungu.

Eli nenekazi aphokoza intliziyo yakhe kulo, lambamba ngesandla lamxelela ukuba linamandla awodwa, labe sele limbuza ukuba angathanda na ukuthetha nomama wakhe ongasekhoyo . uLumka wakhwankqiswa ngulo mbuzo weli nenekazi wangazi nokuba acinge ntoni. Ngaba nyhani eli nenekazi lingamxhumanisa nomntu

oswelekileyo? Ukuba wawunguLumka, wawuza kwenza ntoni?

Eso sithembiso sasihenda kunene noLumka emkhumbula umama wakhe. Zange abe sabona ngxaki ekulinikeni indlebe inenekazi elinobugqi. Kaloku xa sineengxaki siyazifuna iimpendulo nezicombululo kuzo.

Kukho iindawo esingamelwanga kuya kuzo xa sifuna iimpendulo. UBawo uyala ukuba sizihambe kuba zingasilimaza , ibe akafuni ukuba sikhathazeke . Makhe sithethe ngazo ezi zinto:

Kwibali lethu inenekazi elikwivenkile yeencwadi,lithembise uLumka ukuba lingamqhagamshela nomama wakhe ongasekhoyo. Lo msebenzi waziwa ngokuba yi**necromancy = ukuthetha nabafileyo.** Inenekazi lasevenkileni yeencwadi laliza kuvula indlela yonxibelelwano phakathi kwabasaphilayo nabo ababhubhileyo ngokobumoya = **to channel**. Ndiqinisekile uninzi lwethu bantu abasaphilayo, xa sinokunikwa ithuba elinje besingalivuyela (ukuba

ibiyinto enokwenzeka). Kodwa ke ngaba yinto ekulungileyo na ukuyenza? Abafileyo bayakwazi kusini na ukuthetha nathi bantu abasaphefumlayo abaphilileyo?

Mhlawumbi kungenzeka ngamanye amaxesha, kodwa xa kufikwa kwindima yomphefumlo, kungcono umntu abhenele kwiLizwi likaThixo, iBhayibhile. Xa siyiphengulula incwadi emlomo ubomvu, iBhayibhile sifumanisa ukuba uThixo uyayigxeka into yokuthetha nabafileyo, akafuni nokuyibona. Ndaweni yoko uBawo uyasimema ukuba singqale kuye neengxaki zethu, imibuzo nezinto ezisihluphayo. Uthi ma sibeke ixhala lethu kuye kuba usikhathalele.(1Petrose 5:7) Uza kwenza ntoni ngomntu onobugqi ekho uBawo onamandla onke , owaziyo okulungileyo.

Zisekhona nezinye iindlela abantu abafuna ngazo iimpendulo. Bakho aba abaqwalasela i**glass balls** ukuze babone ikamva labo. Kanti abanye basebenzisa amakhadi, i**playing cards,** atshofulwa nje, aguqulwe atyhilelwe phezu kwetafile. Indlela ama ngayo yiyo echaza ikamva lomntu. Abanye bafunda ikamva lomntu entendeni

yesandla, **palm reading.** Umhlobo wam ocinga ukuba unofifi lwale nkqubo, wakha wathi kum ubomi bam buza kushunqulwa yingozi okanye ukugula ngenxa yokuba ethe xa ejonga isandla sam sasekunene wabona umgca lo uchaza ixesha oza kuliphila ngalo emhlabeni, uphele esithubeni. Azange indihluphe loo nto kuba ndiyazi ukuba nguThixo olawula ubomi bam.

Abanye abantu babek'ithemba labo ezinkwenkwezini, **astrology**. Bafunda indlela yeenkwenkwezi nokuma kwazo. Bathanda ukubuza umhla wokuzalwa nexesha lokuzalwa ukuze baqikelele ngekamva lakhe. Bayila **ne horoscopes** ukuxela izehlo ngokufutshane imihla yonke bethabatha ulwazi ezinkwenkwezini umhla nomhla. Ngamampunge onke la. Ewe zona iinkwenkwezi zintle ebusuku, yiloo nyaniso kuphela emasizixakekise ngayo xa sizijongile. NguThixo kuphela oyaziyo indalo yakhe ngokufanelekileyo. Siyaxelelwa yiBhayibhile ukuba uMdali usibona umntu ngamnye engekazalwa. Usuku ngalunye lubhaliwe encwadini kaThixo yobomi. Akupheleli apho, siyaziswa futhi ukuba iingcinga zikaBawo ngathi zixabisekile (iNdumiso 139: 16,17)

Masibuyele kuLumka ke ngoku. Walivumela inenekazi ukuba lithethe nomama wakhe kuba kwakunzima kuye ukumkhulula unina ezingcingeni zakhe. Kodwa lakuthetha izinto ezingeyo nyaniso inenekazi ngomama wakhe, waqala woyika ngoku. Wayesazi ukuba uThixo akayonwabelanga le ndlela ayithathayo. Wakhawuleza walishiya inenekazi wafika kwakhe wathandaza ecela uxolelo lukaThixo. Mhlobo wam, uyathandwa nguBawo kwaye ufuna ufune iimpendulo kuye hayi elizweni.

UMCULO

Thembelihle: Sisesenkqubeni iAmanenekazi eThemba. Ubusazi na ukuba ibhayibhile iyathetha nangobugqwirha? Aliqela amabali asixelela ngabantu abaya emagqwirheni xa befuna ukwazi ngekamva labo. Ibali lethu lanamhlanje silithathe kwiTestamente Endala.

Namhlanje dade wethu sichukumise imeko ekungekho lula ukuthetha ngayo, ubugqwirha. Kukho iindawo ezinje ngeAustralia apho ii**mediums,fortune telling** zisetyenziswa naxa kuconjululwa amatyala enkantolo. Noolindixesha banika indawo yokuchaza ngokuza

kwenzeka kwabo bakholelwa ezinkwenkwezini. Kodwa ngoku abantu bayekile ukuhoya izinto abazibonayo ngeliso lenyama nenzululwazi, bakhulisa icala lobumoya **spiritual** ngokuphiwa nguThixo, balindele iimpendulo eziza ngobumoya. Siyaphi ke xa sifuna ukonelisa unxano lwangaphakathi emoyeni.

Umculo omfutshane

Into yokuqala endifuna ukuyithetha kukuba senziwe ngokomfuziselo kaThixo. KuGenesis 1:27 kubhalwe kwathiwa "***Wamdala ke uThixo umntu ngokomfanekiselo wakhe; wamdala ngokomfanekiselo kaThixo; wadala indoda nenkazana "***

Ngowuphi kanene lo mfanekiselo kuthethwa ngawo apha kuba imizimba yethu ayifani naThixo kuba akekho nyameni , kodwa sinakho ukulinganisa isimilo sakhe ngendlela esithanda ngayo , umonde esinawo , uxolelo , ububele nentembeko. Wasidala saneenkanuko zenyama, ubuchopho, imivakalelo nangomphefumlo. Nokuba nonxulumano olwanelisayo naye. Okulusizi kukuba olo nxulumano lwathomalaliswa ngumntu wokuqala owakhetha ukungamthobeli uBawo, saba ke siyangena

ehlabathini isono ngolo hlobo. Ndicinga ukuba siyayazi into yokuba isono sizalelwe kuso, siyakuthanda ukwenza okungalungileyo sisazi. Kwakhona mphulaphuli, mandibuze ndithi, siyaphi xa sifuna ukwanelisa unxano lwasebumoyeni?

Amabali amabini ebhayibhileni anokusinceda ukuphendula lo mbuzo. Elokuqala liku1 Samuweli 28. USawule wayeyikumkani ekhethwe nguThixo ukuba ongamele abantu bakhe. USamweli owayengumprofeti ngelo xesha, wayesandul'ukufa. Wayethi xa eza kuya emfazweni uSawule, aqale kuSamuweli amnike isikhokhelo. Wayesoyika kakhulu uSawule ngeli xesha. Wayengayithobelanga imiyalelo kaThixo kwimpi yangaphambili ngoku wayejongene nomkhosi omkhulu wamaFilisti.*" **Wayibona uSawule impi yamaFilisti, woyika; yagubha intliziyo yakhe kunene" (v5)***

Phambi koku, ikumkani uSawule wayephumelelise umthetho obhangisa ukusebenza kwabantu abathetha nabafileyo nabo ababona izehlo emhlabeni wakhe ngokommiselo kaThixo. Ngoku "***Wabuza uSawule***

kuYehova; uYehova akamphendula nangamaphupha nangeeUrim,nangabaprofeti " (v6)

Ngenxa yoloyiko olukhulu awayenalo wenza isicelo sento eyayingavumelani nomthetho kaThixo. Masihambe nebali esiliqalileyo sifunde (v7) ***Wathi uSawule kubakhonzi bakhe, Ndifuneleni inkazana eneshologu,ndiye kuyo , ndibuze kuyo. Bathi kuye abakhonzi bakhe, Nantsiya inkazana eneshologu eEndore. USawule wazenza umntu wumbi, wambatha ngubo zimbi, ways enamadoda amabini. Baya bafika kwinkazana leyo ebusuku.Wathi , " Kha undivumisele ngeshologu lakhe , undinyusele lowo ndiya kuthetha yena kuwe."(v8) Yathi inkazana leyo kuye , " Yabona uyakwazi nawe akwenzileyo uSawule , ukuba ubanqamle ezweni abaneshologu noosiyazi ; yini na ukuba uwuthiyele umphefumlo wam ukuze ndibulawe" (v9) uSawule wayifungela uYehova ,esithi , Ehleli nje uYehova ,inene akuyikuba natyala ngale ndawo (v10) Yathi inkazana ", Ndikunyusele bani na?" Wathi, "Ndinyusele uSamuweli"(v11) Yambona inkazana uSamuweli, yakhala ngelizwi elikhulu. Yatsho inkazana***

leyo kuSawule, ukuthi, "Yini na ukuba undikhohlisile? UnguSawule wena"(v12)

UMCULO

Makhe sinqumame okomzuzwana apha nebali lethu.

Eli nenekazi lalisoyika nalo ngoku. Wakhala ngumothuko akubona uSamuweli, umkhonzi kaThixo. Nje ngomntu owayeqhele ukuzenzela obu bugqi, wathi akubona uSamuweli wayazi into yokuba namhlanje ujongene namandla angaphaya kwawakha wawabona. Ngenxa yamandla kaThixo wabonakala uSamuweli, eze kwazisa uSawule ngokuza kumehlela.. Liqhubeka lenjenje ibali....

UMCULO

Wathi ukumkani kuyo, "***Musa ukoyika. Ubone ntoni na? "*** yathi inkazane kuSawule "***Ndibona umnyanya unyuka uphuma emhlabeni" (v13)*** Wathi kuye "***Unjani na ukumila kwawo? "*** yathi inkazana, ***" kunyuke indoda enkulu, ithe wambu ingubo yokwaleka. Wazi ke uSawule ukuba nguSamuweli lowo. Wathoba ngobuso emhlaben, waqubuda.(v14) Wathi uSamuweli***

kuSawule,"Yini na ukuba undigungqise , undinyuse?" Wathi uSawule "***Ndibandezelekile kakhulu, amaFilisti alwa nam, uThixo umkile kum...." (v15)*** USawule wafumana impendulo awayengayilindelanga kuSamuweli:

"UYehova ubukrazule esandleni sakho ubukumkani wabunika, wabunika ummelwane wakho uDavide. Ngokuba ungaliphulaphulanga izwi lika Yehova. Uwanikele uYehova namaSirayeli kunye nawe esandleni samaFilisti. Ngomso wena noonyana bakho niya kuba nam ; nomkhosi wamaSirayeli uYehova uya kuwunikela esandleni samaFilisti" (v18-19) Wawa kwaoko uSawule emhlabeni, waqungquluza, woyika kunene ngamazwi kaSamuweli...(v20) Siphela apho isifundo sethu sanamhlanje kwibhayibhile iLizwi likaThixo.

UMCULO

Lisixelela ntoni eli bali? Nangona uThixo wamphendulayo uSawule ngokumxelela okwakuza kwenzeka, yayilungile na into yokuya kwinkazana

eneshologu? Kaloku wayesishenxisile isono sobugqwirha kwilizwe lakhe kodwa sasingasukanga entliziyweni yakhe. Xa usebunzimeni, uya kubani, kwizangoma okanye uThixo?

Ibali lethu lesibini likwiTestamente Entsha emva kokuba uYesu ebesemhlabeni. Lisibonisa ngokucacileyo amandla kaBawo.

UPawulose noSilas babengamakholwa besebenza kunye, besoloko xa besendleleni behambisa iiNdaba ezilungileyo. Ibali ngabo likwiZenzo isahluko 16:16-34 sinokuzipha ithuba sifunde xa singabekelwanga xesha lokuthetha, umntu esekhaya. Okubalulekileyo kukuba sazi ukuba uBawo uyakukhulula ebugxwayibeni xa ubek'ithemba lakho kuye. Ngubani owayesazi ukuba bakuphuma njani oSilas entolongweni?

UMCULO

Eli bali liyaphendula umbuzo wokuba uya kubani xa ufuna ukukholisa unxano lwangaphakathi emoyeni? Amaxhwele, oosiyazi abanamandla okukukholisa

emphefumlweni, ngamandla kaThixo kuphela asebenzayo. Ukuba siyakholwa kuYesu owasifelayo nje ngoko wenzayo uNogada nosapho lwakhe, singabuyela kwisimo sokuba nonxulumano olusondeleyo noThixo.

Thandokazi: Namhlanje kwinkqubo iAmanenekazi eThemba sithethe kakhulu ngobuthakathi nengozi yokuzibandakanya nabo. Uba uyaqaphela phantse yonke into entle esinayo ingasetyenziselwa ebugqwirheni, umzekelo amakhandlela la okukhanyisa akhe enziswe eminye imisebenzi njengokukhanyisela abantu abacinga ukuba bayabona phambili. Kubalulekile ukukhumbula ukuba uThixo akazifuni ezinye izinto esizenzayo kuba esazi ukuba zinokusilimaza nyhani. Xa simthobela uBawo ubomi buba lula nyhani mhlobo. Akukho mfuneko yokuya komnye umntu oza kukwenzela ubugqi esithi uyakunceda etsho ngento yexeshana engalungileyo. Ubomi noBawo bobaphakade. Ubonelela ngento yonke eyimfuneko kuwe. Ukuba ufuna ukhuselo, uyalufumana, ukutya, impahla yokunxiba, konke kuyafumaneka xa ubek'ithemba lakho kuye. Kule veki xa sisebenza zesikhe sizayamanise noBawo ngomthandazo simxelele ngako

konke esikudingayo nokuba kuncinane okanye kukhulu, uyaphendula.

Thembelihle: Masikhe sizikhathalele bethuna! Sala ngoxolo mhlobo,kude kube lixesha elizayo.

Bobabini: Ziyolise ngoYehova!